

## Imisebenzi

### Umsebenzi 1

Nisakugqiba ukubukela ividiyo, niqaphela ntoni ngokuxatyiswa nokungaxatyiswa kwabantu ababhinqileyo? Xhasani izimvo zenu ngokuthi nicaphule apha kwiintetho zabalinganiswa, ingakumbi amadoda xa ethetha nabafazi. Xoxani kumaqela enu. Hlalutyani ezi ntetho zilandelayo:

- (a) Intetho kaVuyo xa athetha ngokuba namalungu angabafazi embuthweni wakhe.
- (b) Impendulo kaMamCirha xa ethetha noMpinga otye imali yakhe yombutho
- (c) Indlela uMpinga athetha ngayo noMamCirha engabonakalisi kudana.

### Umsebenzi 2

- (a) Kumaqela enu, yenzani umdlalo nilinganise okuqhube ka kwividio. Musani ukuxhomekeka kwiintetho zabalinganiswa abakwividio kuperha. Nongani umdlalo ngokuthi nifakele nezenu izimvo kwiintetho zenu njengabalinganiswa.
- (b) Emva kokuba nenze lo mdlalwana thelekisani imibutho yabahlali kwinkubeko yamaXhosa neyenu inkubeko. Oku kusoloko kusenziwa izinto kunye ngamaXhosa kunifundisa ntoni ngawo? Qaphelani indlela abancedana ngayo xa kuswelekiwe (death), xa kukho imibhiyozo (celebrations), njalo njalo.
- (c) Nika iintsingiselo zala magama:
  - (i) inkubeko
  - (ii) ukukhonza
  - (iii) Nika isichasi seli gama: uxolo

### Umsebenzi 3

- (a) Masithi nguwe lo utyelwe imali nguMpinga. UnguMamCirha. Veza imbilini yakho kuMpinga nakumalungu ombutho. Elowo makazisebenzele abhale phantsi amazwi abeza kuwabhekisa kuMpinga.
- (b) Eklasini, elowo umfundi makafunde amazwi akhe njengoMaMpinga.

## **Umsebenzi 4**

Ukuba ubungumbhali weli bali besiza kuthini isiphelo salo? Bhala isiphelo somdlalo usingenise kumhlohlili wakho.

## **Umsebenzi 5**

Shwankathela le ntetho yaba balinganiswa ngawakho amazwi ukubonakalisa ukuba uyawkazi okuqhubekayo:

LINDIWE: Ingathi umbutho uza kakuhle

LIZO: Khawutsho yimalini?

LINDIWE: Yi-R2000.00

LIZO: Hayi! Hayi! Awunakuze!

BUKELWA: Hay'? Inonyawo lwemfene le nto!

LIZO: Ayinakuze ibe yi- R2000.00!

LINDIWE: Hayi, soze zingabikho izibhoxi!

VUYO: Aba bafazi babhatale kakuhle?

LIZO: Wawutshilo! Wawutshilo!

LINDIWE: Nank'uMamCirha! Akukho nesenti ecaleni kwegama lakhe!

## **Umbuzo 6**

Phendula le mibuzo ilandelayo:

- (a) Kukuthini ukukhuza ? Ngubani okhuzayo kwividio? Bakhua ntoni?
- (b) Ngubani ongabhatalanga imali yombutho? Kutheni?
- (c) Ithini impendulo yomntu ongabhatalanga imali yombutho ebeyithunywa nguMamCirha?  
Ingaba ubonisa udano?
- (d) caphula amazwi arhabaxa athethwa ngomnye umlinganiswa ebhekisa KuMamCirha  
Ekungekho Necent Ecaleni Kwegama Lakhe.

## **Umbuzo 7**

UnguMamCirha. Bhalela umhlobo wakho osenyongweni umchazela ngokutyelwa kwakho imali yombutho nguMpinga. Ubumnikela uMpinga imali ngokumthembala kanti akabhatali nesenti le. Mxelele nangamazwi arhabaxa abonisa ukungavelani nawe ube uphantsi kwelifu elimnyama (death/dark cloud). Mcele umhlobo wakho ukuba akuncede, akucebise nokukucebisa.

## **Umsebenzi 8**

Emva kokuba nibukele ividiyo, ziyleleni elenu ibali eliphuhlisa eli qhalo: ‘Imbila yaswela umsila ngokuyalezela.’ Sebenzani ngokwamaqela ukuze kubekho nokhuphiswano (competition) lwamaqela.

## **Umsebenzi 9**

- (a) Nika intsingiselo yala magama alandelayo ngesiNgesi:
- (i) ukuba nesibindi
  - (ii) unyawo lwemfene
  - (iii) benditshilo
  - (iv) ethokombisile
  - (v) Ukukhuza
  - (vi) wathi gqi encumile
  - (vii) izibhoxi

## **Umsebenzi 10**

- (a) Kwividio yenu engeli qhalo, ‘Imbila Yaswel’umsila ngokuyalezela,’ qwalasela inkangeleko yobuso nezinye iintshukumo xa bethetha abalinganiswa, omnye nomnye, wandule ukutolika ukuba zithetha ntoni na. Khetha nokuba ngabaphi na abalinganiswa. Xoxani kumaqela enu.
- (b) Mfundiso ni enikwa ngulo mdlalo? Thelekisa neyakho inkcubeko.

## **Umbuzo 11**

Sebenzani kumaqela enu.

Funda izivakalisi ezilandelayo, emva koko ukhethe amagama ocinga ukuba azizifaniso (simile), uwabhale phantsi encwadini yakho:

Umzekelo, e.g.: USiphokazi uthetha njengoMamCirha (Siphokazi speaks like MamCirha).

- (i) Indoda engabhatlanga imali eyithunyiweyo nqwa nodyakalashe amaqhinga.
- (ii) UCirhakazi ulila okosana akuva ukuba imali yakhe ayibhatalwanga embuthweni.
- (iii) Ubuqhingga butshutshumbisa okwezemze ligeca imithi
- (iv) Uza kubhitya uxele unomeva xa ungabhatali kwistokfela.
- (v) Watshaza ngathi ngumhlaba uCirhakazi akufumanisa ukuba akukho mali ecaleni kwegama lakhe.